Iinkolelo ezilindelekileyo kwezemfundo e-IEB

I-IEB liziko lezemfundo elisebenza phantsi kweemeko ezahlukeneyo – lisebenza nezikolo zikarhulumente kunye nezikolo ezizimeleyo; izikolo ezikumgangatho ophezulu ezinazo zonke izidingo zezemfundo kunye nezo ezisakhasayo okanye ezingekaphucuki ezisafuna uncedo ngokwezidingo zezemfundo; ukuhlola okanye ukufundisa okugqwesileyo okuthelekiswa kakuhle nezinga eliphezulu lehlabathi; amagumbi okufundela apho ukuhlola/ukufundisa okubalaseleyo kuyanyaniswa nokufunda kumanqaku okuzikhumbuza okanye kwiincwadi ezisisikhokelo, nokuba umfundisi-ntsapho ukhona okanye akekho; izikolo apho undiliseko nokukhathalela ukwenza okuhle kulawula iinkolelo nezinye; nalapho impumelelo iphunyezwa ngokuphatha ngokulingana bonke abo bathabatha inxaxheba kungekho mkhethe okanye kungekho kwaphula mthetho, apho iinkolelo zilandela izidingo neemfuno zomntu. Singathetha singayeki sichaza iintlobo ngeentlobo zendlela ekucingwa ngazo neendlela izinto ezibonwa ngayo, ngendlela ebonakala ngayo imeko yezemfundo elizweni lethu, kwindawo esihlala kuzo nakwilizwekazi i-Afrika iphela.

Ukujongana neengxaki okanye iingxubakaxaka zezemfundo eMzantsi Afrika, abasebenzi namalungu eBhodi e-IEB bazibonkakalisile iinjongo esinazo ngokuthabatha inxaxheba kumalinge ezemfundo kwingingqi yethu. Sicacelwe ukuba imfundo yindlela enobulumko, ndlela leyo edibana neenkolelo zezentlalo kunye nezemfundo, njengoko ingumsebenzi ophunyezwa ngobuchule ziingcaphephe ezinamava. Kungumnqweno wethu ukwenza isiseko esiqinileyo somsebenzi we-IEB ukuba ucace nto leyo ethe yakhokelela ekuyilweni kwale nkcazelo – *Iinkolelo ezilindelekileyo kwezemfundo e-IEB.*

Kule nkcazelo sizame ukucacisa oko sikubonayo njengenjongo yezemfundo kwiziko elifana ne-IEB. Kuhlolo lwethu kunye neminye imisebenzi eyayamene nako senza ilinge lokukhuthaza izikolo kunye nabafundisi-ntsapho ukuba banike abafundi amathuba okuba xa besenza imisebenzi mabahlabe amadlala, baxoxe, baphande ngezihloko abazinikwayo, bathabathe inxaxheba kwimisetyenzana yokufunda eyimikhomba-ndlela, baziqhelanise nokuthatha inxaxheba kwiingxoxo ezikhulisa izakhono nokuzikisa ukucinga esikholelwa ukuba bonke abantu abaphila obu bomi bempucuko bafanele ukuba bayagqwesa kuzo. Ilizwe lethu elahlukileyo kunye noluntu lwethu olwahlukileyo lubadinga kakhulu abemi beli abangazi kukhuthazeka nje kuphela koko abakwaziyo ukuyixela eyona nto siyifunayo, abakwaziyo ukuzisa ihlabathi elingcono. I-IEB yenza konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba uhlolo lwethu luthelekiswa nolo lwehlabathi kwaye abafundi bethu bafumana uhlolo olukwizinga eliphezulu kakhulu. Sikholelwa ukuba xa benikwa eli thuba abafundi bethu kwiingingqi zethu, bangaphumelela ngohlobo olufanayo nabanye abafundi abaphumelela emagqabini ehlabathini; le yindlela i-IEB eqhuba ngayo iinkqubo ezikwizinga eliphezulu ekuthiwa zii-*Advanced Programmes* nokuthabatha kwethu inxaxheba kwiimviwo zamanye amazwe (*international benchmark tests*).

Yile nkolelo esinayo kuhlobo oluchubekileyo lwabafundi bethu nesizwe sethu ethi ikhuthaze i-IEB ukuba izame ibe nefuthe kumava ezemfundo ngaphaya kohlolo.

Kungenxa yale misebenzi ebangele ukuba i-IEB igqibe ekubeni inikezele ngenkcazelo exelayo ukuba imele ntoni njengeziko lezemfundo.

Iinkolelo ezilindelekileyo kwezemfundo e-IEB

Imbono enayo i-IEB kukukhulisa ukufundisa nokufunda okumgangatho ophezulu, okunegalelo eMzantsi Afrika ngokuba nemiqathango yokuhlola ekwizinga eliphezulu, enyanisekileyo nehloniphekileyo; ukuyila amacebo amatsha nokwayamanisa kuthelekiswa uhlolo kunye nolo lwamanye amazwe ehlabathi.

I-IEB inolwazi lokuba uhlolo lubalulekile ekukhuliseni abafundi boMzantsi Afrika abanoxanduva njengabemi beli, abakwaziyo ukuthetha-thethana ngemiceli-mngeni abajongene nayo ekwihlabathi liphela. Kuhlolo lwethu sikhuthazwa kukukhulisa nokuphucula abafundi:

- abakwaziyo ukusebenzisa ulwazi bazikise ukucinga
- abangabantu abacingayo bephenjelwelwa kukuzazi ukuba bangoobani besenza izinto ngokusesikweni
- abangabasombululi beengxaki
- abangabaqiqi abanobuchule abaneengcinga ezinzulu
- abangabantu abafundela ubomi
- abangamalungu oluntu ahlonipha ukwahlukana ngokweentlanga, ingakumbi kwiimeko zoMzantsi Afrika
- abangabemi abathabatha inxaxheba abazimiseleyo ukuphila ngokwemigaqo ebekwe kuMgaqo-Siseko weli loMzantsi Afrika kwaye bekhathalele nendlela abaphila ngayo abantu bonke.

I-IEB ixhasa imbono ethi ukuthabatha inxaxheba ekwakheni imfundo eyakhayo, yakhe nawuphi na ummi woMzantsi Afrika kubalulekile ekwakheni isizwe esikhululekileyo, esikholelwa ekuxabiseni idemokrasi, ukuphila intlalo enobulungisa kunye namalungelo abantu aphambili, apho ukwahlukana ngokwamasiko nezithethe kuxatyisiwe, kusamkelwa ngumntu wonke.

Iphulo le-IEB kukwenza igalelo elikhulu ekuphuculeni izidingo zabantu, ngokuyila/ukudala, ukunikezela inyuse izinga leendidi ezininzi zohlolo olukumgangatho ophezulu, imveliso yohlolo olufikelelekayo kunye nokunikezela iinkonzo kuwo onke amacandelo.

Umsebenzi we-IEB usekelwe kukuzibophelela kule **miba** ibalulekileyo: ukunyaniseka, intlonipho, ukuzinikezela ngokuzimisela nokunika iinkonzo, ukusebenza ngokugqibeleleyo ngokwemigaqo yemfundo, unxibelelwano, ukunikezela imisebenzi eluncedo nokusebenzisana.